**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesibini)**

**OCTOBER / NOVEMBER 2005**
**OKTOBER / NOVEMBER 2005**

**IXESHA: 3 iiyure**

**AMANQAKU: 100**

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu **A**, **B**, **C**.
- KwiCandelo A umbuzo 1 **unyanzelekile**.
- Kwakulo icandelo A umbuzo 2 kubuzwe imibuzo emine, phendula imibuzo ibe MIBINI kuphela.
- KwiCandelo B no C mibini imibuzo kwicandelo ngalinye. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngalinye.
- Ukuba ngaba ukhethe ukuphendula umbuzo omde kwicandelo B, phendula umbuzo oneempendulo ezimfutshane kwicandelo C. Ukuba kwicandelo B ukhethe ukuphendula umbuzo oneempendulo ezimfutshane, phendula umbuzo omde kwicandelo C.
- Yonke imibuzo mayiphendulwe ngesiXhosa (esamkelekileyo).

## ICANDELO A
## ISIHOBE

Lo mbuzo **unyanzelekile**.

### UMBUZO 1

Funda lo mhobe ungezantsi ngocoselelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISIDIMA**

Le nt' isidima luhloni
Lokoyik' ukwenz' okubi.
Sivela kuy' intlonipho,
Yal' uhlanga lwakowethu,
Izinyanya zakowethu,
Kwanesizwe sakowethu.

Onesidima akabuthi,
Akakhethi, akahlebi,
Kuzo iimbutho zabagxeki,
Akasoze abonwe yena,
Kuba akahamb' engena
Kwiminyangwana yelali.

Kuzo iingxabano zabemiyo,
Kwilali leyo yakowabo
Akanakho ukungqina,
Kuba lonk' ixesha uxakekile
Ziinto zokuxhas' usapho,
Ziinto zokuxhas' uhlanga.

1.1 Ngokwalo mhobe zeziphi iindidi zabantu ezihlonelwa ngumntu onesidima? Xela zibe NTATHU. 1x3=(3)

1.2 Chaza izinto eziNTATHU ezingenziwa ngumntu onesidima, nezikhankanyiweyo apha. 1x3=(3)

1.3 Kwimigca 16 – 18 imbongi isebenzise izandi ezifanayo. Sithini ukusibiza esi sixhobo? (1)

1.4 Imbongi inaziphi iinjongo ngokusebenzisa esi sixhobo sikumbuzo 1.3? (1)

1.5 Chaza imisebenzi ibe MIBINI yoshiyo lwezikhamiso kwimihobe. 1x2=(2)

**[10]**

## UMBUZO 2

***Aweselwa* – *3* Kwetana W.M. (Umqokeleli)**

Khetha imibuzo EMIBINI kuphela.

2.1 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo eya kulandela.

**Wohlal' Ukhumbuleka**

Sithini na sithi kuxing' isileyi?
Hayi, masiyibeke sandlal' ibhayi.
Ndiwavil' amadoda endumshela.
Ndiwavil' amankazan' edumzela.
Ndiluvil' ulutsha lukhwankqiseka –
Umhlol' izilo zingqumshela.
Kaloku kushukunyisw' isilo samaQwathi.
Umth' othandwayo njengomthathi.

Balisusil' igqomogqomo lesangxa,
Umanelisi ngokwemitha yelanga.
Mqwath' eso sandla sakho ndiyasanga.
Loo ntliziyw' ixikixwayo ndakuyonga.
Ubuyindangandanga yexhalang' eMgcawezulu–
Uzixhobisa njengembovan' ehlotyeni,
<u>Ungoyik' ukufak' isandla engxoweni</u>,
Uval' iingxak' ezisingis' ezingxoweni.

2.1.1 Chonga umgca esifumana kuwo umbuzo buciko apha kulo mbongo. (1)

2.1.2 Kwimigca 3 – 5 imbongi isebenzise uphinda-phindo, chaza izizathu eZIBINI ezibangela isebenzise olu phinda-phindo. (2)

2.1.3 Xela izafobe eZIBINI ezisetyenziswe kumgca 8. (2)

2.1.4 Chaza eyona njongo yembongi ngokusebenzisa ezi zafobe zikhankanyiweyo kumbuzo 2.1.3. (4)

2.1.5 Imbongi isizobela wuphi umfanekiso – ngqondweni ngesifaniso esifumaneka kumgca – 10? (3)

2.1.6 Chaza intsingiselo yembongi kumqolo okrwelwe umgca ngaphantsi. (2)

2.1.7 Ngokwalo mbongo, kukuthini ukuxikixwa kwentliziyo? (1)
**[15]**

**OKANYE**

2.2 Funda lo mhobe ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**INTLIZIYO**

Yimbangi yokuphila.
Ngundoqo womphefumlo.
Wakon' idal' isazela.
Ngumbhexeshi wazo iihambo –
Zincomeka, zigxekeka,
Kwiingcinga, kwintetha nokwenza.

Zicetyw' aph' iinkcuku
Zolwaz' olunkungu.
Yintlambo yeyelenqe.
Liziko lenqala geqe.
Luphinyano lwezabatha.
Nax' ithul' iyathetha.

Luxolo lukwanendawo.
Inzond' ixin' indawo.
'Sitiya silinyw' iintlobo
Kummango wasekhohlo,
Kumndilili wezehlo.

Uhamb' ufathuleka –
Emaweni uyothuleka.
Unzulu ngokolwandle.
Ukhomba kwelezindle
Kukuhle kuphuhlile,
Kukubi kuphuthile.

2.2.1 Xela udidi lwesafobe esifumaneka kumgca – 5. (1)

2.2.2 Ucinga ukuba imbongi isisebenzisele ukuphuhlisa ntoni esi safobe sikumbuzo 2.2.1? (2)

2.2.3 Ngokubona kwembongi, ziyilwa phi iihambo zentliziyo? Nika iindawo eziNTATHU nezikhankanyiweyo apha. (3)

2.2.4 Chaza intsingiselo yembongi kumgca – 12 (3)

2.2.5 Uchasaniso esilufumana kwimigca – 13 nowe 14 lusetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni kanye? (2)

2.2.6 Khetha izikweko zibe ZITHATHU ozibonayo apha kulo mhobe. (3)

2.2.7 Nguwuphi umgca esifumana kuwo isifaniso? (1)
**[15]**

**OKANYE**

2.3 Funda lo mhobe ungezantsi uze udandalazise zonke izafobe, izixhobo nezangotshe ezisetyenzisiweyo ukuphuhlisa intsingiselo yembongi. **[15]**

**ITHEMBA**

Ziintambo zoxananazo zefuthe lovuyo.
Luxhalabo nok' imincil' iligubungele.
Bushushu bomzimba yolo lomphefumlo.
Mthombo woncumo gagu lomzuzwana.
Liyacima pam! Lifukuke fuku!

Kongazaliseki, lon' alicimi noko.
Sekungacac' into ukholo luhleli.
Wenjenjal' uHana wamhlamnene.
Wazingisa noko kungatsits' into.
Lenjenjal' igorha linyamele.

Masifund' ukuqin' ubomi yinkinge.
Qinani nonke, khanyisani zibane.
Su' ncama kuphele wosindiswa kamva.
Lenjenjal' ibhada likrobel' ingcwaba;
Ngawo loo mzuzu laphetshisw' apho.

Ubomi ngumnqants' onyukayo.
Zamani bethu, qinani nomelele.
Uthini na wen' ukulahl' ithemba?
Siyini isixhobo sakho edabini?
Wobaleka ngoko lukude notshaba.

Ngethemb' uzuz' uloyiso.
Ngethemb' uxhobel' utyhafo.
Lithemb' elivez' imizamo.
Ithemba lisus' ubugwala.
Ithemba ngumphumezi.

**OKANYE**

2.4 Funda lo mhobe ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo eya kuwulandela.

**IMFUNDO**

Sisixhob' esintlangothi mbini.
Ngumvuli naxa kuqanyangelwe,
Kutsh' ubumnyama bugabuke.
Ngumfungeli wal' ukhanyo.
Ngumxonxi-simo somntu.
Ngumseki-ntlalo kuluntu.

Amandl' awavami kusetyenziswa,
Kub' ubuchopho sebabhucwa.
Yehova, ndiphe nam' ikhwele
Lokukhwel' inqanawe yenkcubeko.
Andimnt' uthand' ukuthi finini;
Ndithand' ujuzelo-mafini.

Andaneliswanga kukufunda,
Andiphiliswa ngumahluko,
Kuthe ngco luqeqesho.
Entlalweni ndathembisa,
Ndabhambathis' esizweni,
Ndocakazel' uluntu jikelele.

Baninz' abaphoswe sesi sipho,
'Ngginginy' ezuze lo mthomb' ehlathi.
Thoban' unxano ngenzolo kuloo manzi,
<u>Abangelutho bangathotyelwa matye</u>.
Nizinxweme koo "sesididiyele",
Kub' eso sipho sakuba seyele.

2.4.1 Chaza imisebenzi ibe MITHATHU yemfundo nekhankanyiweyo apha kulo mhobe. (3)

2.4.2 Ngowuphi umgca esifumana kuwo uchasaniso kumhlathi – 1? (1)

2.4.3 Izama ukusikhanyisela ntoni kanye imbongi ngokusebenzisa olu chasaniso? (2)

2.4.4 Imbongi inaziphi iinjongo ngokusebenzisa unqamleziso kwimigca 9 nowe 10? (1)

2.4.5 Yiyiphi le nqanawe yenkcubeko ekujoliswe kuyo yimbongi? (1)

2.4.6 Chonga amagama amabini azizifanokuthi kumhlathi wokugqibela. (2)

2.4.7 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi 'Ndabhambathis' esizweni?' (1)

2.4.8 Chaza intsingiselo yomqolo okrwelwe umgca ngaphantsi. (2)

2.4.9 Ngokubona kwembongi yintoni kanye enokukhokelela ekubeni imfundo yeyele? (2)
**[15]**

**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

ICANDELO B

## UMDLALO WEQONGA

Ukuba ngaba ukhetha umbuzo **omde** kweli candelo **unyanzelekile** ukuba ukhethe umbuzo oneempendulo **ezimfutshane** kwicandelo C. Ukuba ngaba ukhetha umbuzo omfutshane kweli candelo, **unyanzelekile** ukuba ukhethe umbuzo **omde** kwicandelo C.

### UMBUZO 3

***Inzonzobila* – B.B. Mkonto**

Phendula umbuzo ube MNYE.

3.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi wandule ukuphendula umbuzo oyakula ndela.

| | | |
|---|---|---|
| *MamNtakwenda* | : | "Ukuzenza akufani nokwenziwa." Ndimgxeka ndingamgxeki uQadi. Uthuku lwabanye abantu alozeli. Mandimxelele na bethu ngale nyewe? Kuyiminyaka emashumi mabini anesine. Kuyiminyaka esindasindeka. Awam amehlo wona amtyuwa yile minzunzu. Obona bulungileyo u**bugqwirha** bobokulondoloza umphefumlo. |

3.1.1 Ngqiyama ngesi sicatshulwa singasentla uvumbulule impixano edalwe bobu **bugqwirha** bakhe. (20)

3.1.2 Beka ezakho izimvo malunga nendlela ebekulindeleke ukuba awuphathe ngawo lo mcimbi uMamNtakwenda, njengomama olikholwa eliphambili. (10)
**[30]**

**OKANYE**

3.2 Funda ezi zicatshulwa zingezantsi uze uphendule imibuzo eya kuzilandela:

**Isicatshulwa A:**

> *Pozina:* Ndiyakuva bhuti, khawundilinde ngesikolo Qadi Kusekho mqotyana nje ondixakileyo lo soloko ndalilisela ngawo. Ngelishwa ke awukabinagama nanamhlanje. Ndakuxelela lakufika ithuba. Masigxabha-gxabhise ngeli shishini, andiwuthandi kwaye awundifanele lo msebenzi ndiwenzayo. Ndinyanzelwa yile meko igungquza entliziyweni yam. Sisi eyomfazi into andiyiphuphi konke-konke. (*Ejonga exesheni*) Libalekile bethu mandinishiye <u>ayaphalala amazimba am phandl' apha</u>. (*Uyaphuma*)

3.2.1 Ngoobani abantu ababini abathetha noPozina apha? Xela amagama abo. (2)

3.2.2 Nguwuphi lo mqotyana athi uPozina usaxakwe nguwo? (2)

3.2.3 Lishishini lantoni eli kuthethwa ngalo apha? (1)

3.2.4 Ngubani owayeceba ukuvula eli shishini? (1)

3.2.5 Wayesebenza msebenzi mni uPozina lo? (1)

3.2.6 Nguwuphi kanye lo msebenzi athi awumfanele? (1)

3.2.7 Chaza intsingiselo yebinzana elinomgca ngaphantsi. (2)

**Isicatshulwa B:**

> *Nomatshawe:* Kwatsho kwasa ngoku *Daddy*. UMpahla engeva zicengo nje ngale ntsasa ngesi sakhiwo uthembise uBhotile lo. Ikho le nto badibene ngayo kuba <u>kuzezi ntsuku nje basela mfuleni mnye</u>. Lumka *Daddy* ungahlali phezu kwamalahle atshisayo. Ubhotile lo uyithathephi imali? Akafundisi?

3.2.8 Ngubani lo *Daddy* ancokola naye uNomatshawe? (1)

3.2.9 Bazalana njani aba bantu babini? (1)

3.2.10 UBhotile lo elona gama lakhe lenene nelaziwayo ngubani? (1)

3.2.11 Kutheni uNomatshawe esithi nguBhotile nje? (2)

3.2.12 Chaza intsingiselo yebinzana elikrwelwe umgca ngaphantsi. (2)

3.2.13 Xela igama lomntu ofundiswa nguBhotile. (1)

3.2.14 Ufunda phi? Efundela msebenzi mni lo mntu? (2)

**Isicatshulwa C:**

> Ewe, ndiyavuma Nomafa. Nawe uyazi ukuba kudala ndingxenxeza kuwe. Iminyaka imashumi mabini ngalo ndicela uxolo. Ungathini ukuyenza lukhuni olu hlobo intliziyo yakho? Luxunelo olunjani lomzalikazi olu lufunzela ekubeni umntwana aphoswe ngamalungelo nalilifa lakhe?

3.2.15 Ngubani lo uthetha noNomafa apha kwesi sicatshulwa? (1)

3.2.16 Isithethi esi noNomafa bazana njani? (2)

3.2.17 Chaza isizathu esibangela ukuba isithethi esi singxengxeze olu hlobo. (3)

3.2.18 Ngubani igama lalo mntwana usisizekabani sale ngxoxo? (1)

3.2.19 Iqhubeka phi yona le ngxoxo yaba babini? (1)

3.2.20 Yintoni uxunelo ngokwesi sicatshulwa? (1)

3.2.21 Nika igama lenkosikazi yesithethi esi. (1)
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [30]**

ICANDELO C
**INOVELI**

Ukuba ngaba ukhethe waphendula umbuzo **omde** kwicandelo B **unyanzelekile** okokuba uphendule umbuzo oneempendulo **ezimfutshane** kweli candelo. Ukuba ngaba ukhethe waphendula umbuzo oneempendulo **ezimfutshane** kwicandelo B **unyanzelekile** ukuba ukhethe umbuzo **omde** kweli candelo.

**UMBUZO 4**

***Etshatile Engatshatanga* – S.C. Satyo**

Phendula umbuzo ube MNYE kuphela.

4.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi wandule uphendule imibuzo elandelayo.

> Kweso sithuba kuthe gqi inyoka isiya ngakuSimeli engayiboni yena elibele kukujonga le ntombazana emehlweni, nayo imthe ntshoo incumile wanga noSimeli udengile okwesele lijongwe yinyoka. Kubekho lizwi lithi: 'Lumkela inyoka.'
> Ilizwi elo libe libalumkisa lona lihambe laya kutshona lisithi, "Oonyana bethu baza kuphela ziinyoka ezi belibele kukukhumsha nokurhumsha namantombazana abangawaziyo."

4.1.1 Qamela kula mazwi esilumkiso salo mfo ubonise ubunyaniso bawo (20)

4.1.2 Betha nje koozelekazi uvakalise uluvo lwakho malunga nesenzo somfo kaSimeli, sokulahla imbo yakhe ngophoyiyana / okanye sokunganyaniseki emzini wakhe.. (10)

**[30]**

**OKANYE**

4.2 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo eya kusilandela.

**Isicatshulwa A:**

> "Hayi ke wethu, dadethu, ndixelele. Ndixelele, sukufane undifihlele. Ndiyakubona apha emehlweni. Ikho into." Ubuze ebonakalisa ulangazelelo olulodwa lwale nyewe. Bekucaca apha emibuzweni nakwintsini – menyo ukuba inga ingathi kanti le nto ayikrokrelayo ayinjalo.

4.2.1 Xela igama lalo mntu uthetha apha kwesi sicatshulwa. (1)

4.2.2 Uthetha nabani kanye? (1)

4.2.3 Kutheni isithethi sisithi 'dadethu' nje kulo mntu sithetha naye? (1)

4.2.4 Yiyiphi le nyewe ifihlelwa isithethi? (2)

4.2.5 Intsini-menyo yintsini enjani? (2)

4.2.6 Betha nje koozelekazi ngesizathu esibangela ukuba isithethi esi sinqwenele ukunga kungathiwa ayinjalo le nto siyikrokrelayo. (2)

4.2.7 Ngokwempangelo babesenza msebenzi mni aba babini? (1)

**Isicatshulwa B:**

> Ubomi babenziwe balula ngabo bobabini malunga nale nto yabantwana. Bebesoloko bengathi bobabini bayayilibala into yokuba bebekhe bayixoxa indaba yabantwana; ubuhlala uhlale ubeve beyivusa qho. Umbuzo wawusoloko umnye ungowokuba ingaba elowo angabathanda na abantwana ababengebobakhe okanye umntwana ongengowakhe. Ukuzinga kolu buzwano kwakusalatha into yokuba lo mba ngumba abangathi bawubona ukubaluleka nokuba ceke-ceke. Kwakucaca nasencokweni zabo ukuba bahamba bahambe bangabi ngabantu abathandanayo nje koko babe ngabantu abangathi sebehlabele namganyana.

4.2.8 Nika amagama abantu ababini ekuthethwa ngabo apha kwesi sicatshulwa? (2)

4.2.9 Xela amagama abantwana abaTHATHU nekujoliswe kubo apha. (3)

4.2.10 Cacisa ngendlela obaluleke ngayo noceke-ceke ngayo umba waba bantwana. (3)

**Isicatshulwa C:**

> "Kaloku yinkosi yethu le. Kufuneka sibonise imbeko. Yhu, Nokwanda, ukuba ukhe umbone phaya sedumbise loo mlomo (atsho elinganisa) ebeke izipekisi kule ndawo (atsho eqhawula umbombo kubini ngomnwe wokukhomba), kutsho kuthi cwaka. Wonke umntu uyamoyika. Nathi aba."
> Iliso likaSimeli limane ukuququa libuyelela kwinkosikazi yakhe, eyibona ukuba noko ubuso bayo buthande ukudinwa. Yintoni bethu; ingaba ebesozela? Uvuswe ebuthongweni? Okanye ebesekruqukile lolu ndwendwe lwakuQwempe?

4.2.11 Ngubani igama lolu ndwendwe lwakuQwempe? (1)

4.2.12 Lalundwendwele phi kanye olu ndwendwe lwakuQwempe? (1)

4.2.13 Xela igama lalo mntu woyikwa nguwonke – wonke emsebenzini. (1)

4.2.14 Sithetha ukuthini isithethi xa sisithi 'Kaloku yinkosi yethu le.' (1)

4.2.15 Msebenzi mni lo basebenza kuwo sele esoyikwanje? (2)

4.2.16 Lwaluze kwenza ntoni kanye undwendwe olu kweli khaya? (1)

4.2.17 Yintoni eyabangela ubuso bukaNokwanda buthande ukudinwa? (2)

4.2.18 Zaba yintoni iziphumo zolu ndwendwelo kweli khaya? (3)
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [30]**

**AMANQAKU EWONKE: 100**

**ISIPHELO**